



Ingcaciso yakutsha nje: Imvume yeemviwo nentlawulo esisibonelelo

IYunivesithi yaseStellenbosch (SU) iyaliqonda ifuthe lokuhlehliswa kwesithuba seemviwo zenyanga kaCanzibe/yeSilimela 2022 kumalungiselelo okuhamba neendawo zokuhlala zabanye abafundi, ingakumbi kwabo bafundi bamiselwe ukuba baza kubhala iimviwo kwiveki yokugqibela yethuba lokuhlolwa le-A3 (ukususela ngomhla wama-27 kweyeSilimela ukuya kumhla we-2 kweyeKhala 2022).

Njengoko kuqatshelwe kunxibelelwano lwangaphambili ([APHA](#)), isigqibo sokuhlehliswa kwesithuba sokuhlola asithathwanga njengento engenamsebenzi. Nanjengoko iinkokhelo zeYunivesithi zinovakalelo ngetlalo-ntle yabafundi bebonke, kwaye nanjengeziko elinenkathalo nesihoyo, sithe ke ngoko saphumeza ezi ndlela zilandelayo zokuncedisa abafundi abachaphazelekileyo koku kuhlehliswa.

Ezi ndlela ziza kusebenza kuphela kubafundi abaneemviwo ngelixa leveki yokugqibela yokuhlolwa kwe-A3 nabathe bakhawulelana nemingeni yothutho neyezimali ngenxa yoku kuhlehliswa.

Intlawulo esisibonelelo

IYunivesithi iyavelana nabo zithe izicwangciso zabo zachaphazeleka sesi sigqibo kwaye ithathela ingqalelo iindlela zokuphungula ulwamvila apho kukwazekayo. Kubafundi nakubasebenzi ekuye kwafuneka ukuba batshintshe amalungiselelo abo okhenketho kunye/okanye neendawo zokuhlala ngeendleko ezongezelelweyo ukuze babe nakho ukuthatha inxaxheba kuhlolo olumiselwe ngokutsha, i-SU iza kwenza intlawulo esisibonelelo neya kwenziwa kanye kuphela ngekhayitheriya engqalileyo eya kufikelela kuma-R10 000. IYunivesithi iya kunxibelelana malunga namalungiselelo aphahekayo ngokuphathelene nezo zicelo zisa kube zigqityiwe.

Uhlolo lwangaphandle kwekhampasi

Kwimeko apho umfundi eneemviwo kwiveki **yama-27 kweyeSilimela ukuya kumhla we-2 kweyeKhala 2022**, ongenakho ukutshintsha amalungiselelo akhe angoku ukuze abe nakho ukubhala iimviwo ekhampasini kwaye abe ke ngoko akanakho nokufikelela kwintlawulo esisibonelelo ekhankanyiweyo apha ngentla, i-SU iya kwenza amalungiselelo okuba abo bafundi babhale iimviwo zabo kwindawo yokubhala iimviwo engaphandle kwekhampasi. Kufuneka kuqatshelwe ukuba i-SU ayinakho ukufikelela kwiindawo zokubhalela iimviwo ezingaphandle kwekhampasi kwimimandla yonke kuMzantsi Afrika jikelele. Abafundi ke ngoko baya kuthi bafakwe kweyona ndawo ikufuphi ngokuxhomekeka kwimeko yomfundi ngamnye.

Ikhayitheriya yokufaneleka kohlolo lwangaphandle kwekhampasi

1. Imvume ofaka isicelo sayo kufuneka ibe idibene noviwo olukwiveki yomhla wama-27 kweyeSilimela ukuya kumhla we-2 kweyeKhala 2022. Nceda ujonge uluhlu lweemodyuli ezifanelekileyo [APHA](#). (Uhlolo lweemodyuli zabafundi abazizithwala-ndwe nohlolo olungalungiselelwanga ngaphakathi kwiyunivesithi, kodwa olungiselelwe ngamasebe ubuqu, alungeni kolu didi.)

2. Le mvume isebenza kuphela kubafundi abathe benza amalungiselelo okuhamba neendawo zokuhlala ngaphambi koLwesihlanu wama-20 kwekaCanzibe 2022 nalapho kungenakho ukwenziwa utshintsho kuloo malungiselelo. Akukho zicelo ziya kuthathelwa ingqalelo ukulungiselela ukubhukisha neentlawulo ezenziwe emva kwalo mhla. Nceda uqaphele ukuba luxanduva lomfundi ukubonakalisa nokubonelela ngamaxwebhu axhasayo.
3. I-SU ayinasiqinisekiso sendawo yokubhalela iimviwo ekufuphi nendawo leyo uhlala kuyo ngelixa leveki yomhla wama-27 kweyeSilimela ukuya kumhla we-2 kweyeKhala 2022.
4. Abafundi abakhetha le ndlela kufuneka bangenise isicelo, kuquka nawo onke amaxwebhu axhasayo, umz., isiqinisekiso nokufunyanwa kobhukisho lokukhenketha okanye lwendawo yokuhlala [APHA](#).
5. Umhla wokugqibela wokungeniswa kwezicelo kuquka nokungeniswa kwawo onke amaxwebhu axhasayo, nguLwesibini womhla **wama-31 kwekaCanzibe 2022**. Akukho kongezwa kweentsuku kuya kubonelelwa ngako, kwaye akukho maxwebhu axhasayo ongezelelweyo aya kwamkelwa emva kwalo mhla.
6. Le indlela ayisebenzi kwiimodyuli ezihlolwa ngoncedo lwekhompyutha ezibhalelwa kuMmandla ekuSetyenziswa iKhompyutha kuwo (CUA) nanjengoko iindawo zokubhalela ezingaphandle kwekhampasi zingenazo izixhobo ezifunekayo.
7. Abafundi ababhala iimviwo kwimeko apho kuphunyezwe iimvume ezikhethekileyo abanakho ukufunelwa iindawo ngenxa yokunqongophala kwemithombo yoncedo.
8. Isiphumo sesigqibo esimalunga nesicelo sesokugqibela kwaye asinakho ukufakelwa isibheni.
9. Abafundi abafumaneka befaka izelelo ngobuqhophololo kwaye/okanye ngamaxwebhu axhasayo omgunyathi baya kujongana nemigaqo yoluleko efanelekileyo.
10. Abafundi baya kwaziswa zingadlulanga iintsuku ezili-10 malunga neziphumo zezicelo.

Imibuzo ingabhekiswa kule dilesi info@sun.ac.za.

Sibanqwenelela bonke abafundi bethu okuhle ngamalungiselelo abo okugqibela.

Ngombuliso omkhulu

Gqr Ronel Retief
UMBhalisi

Njing Stan du Plessis
IGosa eliyiNtloko kwezeMisebenzi